**IMibuzo:** F Lewis
**IFoni:** 021 467 2195
**IFeksi:** 021 425 7465
**ISalanthiso:** 13/12/8/8
20051222-0030

**Wes-Kaap Onderwysdepartement**

**Western Cape Education Department**

**ISebe IeMfundo IeNtshona Koloni**

ISETYHULA : 0014/2006
UMHLA WOKUPHELELWA : AWUKHO

IYA: **KUBALAWULI ABAZIINTLOKO, KUBALAWULI NAKWIINTLOKO ZAMACANDELO (KWANDLUNKULU NAKWII-EMDC), NAKWIINTLOKO ZAWO ONKE AMAZIKO ESEBE EMFUNDO LENTSHONA KOLONI**

ISISHWANKATHELO ESIFUTSHANE: *Ukunika iikomiti zolawulo lwezikolo isikhokelo sokulawula ngokufanelekileyo izifo ezisulelayo ezithandathu nezixhaphakileyo ezikolweni kubandakanywa imeningitis, irhashalala, iintwala zentloko, imasisi, ukhwekhwe noqilikwane*

ISIHLOKO: **ISIKHOKELO SEZIKOLO SOKULAWULA IZIFO**

1. Ngokusebenzisana neQela eliJongene neMpilo yoLutsha nolo luFikisayo (*Reference Group on Youth and Adolescent Health*) nelikhokelwe liSebe lezeMpilo (Icandelwana leMpilo yaBafazi: (*Maternal Child and Womens' Health*)), iseti yokuqala yezikhokelo eziliqela zolawulo lwezigulo ezithandathu ezixhaphakileyo nezosulelayo ibhalelwe izikolo. Ezi zikhokelo ziqhotyoshelwe apha.

2. Makuqatshelwe ezi ngongoma zilandelayo nezibalulekile gqitha:

   - Xa kuyimeko ye-meningitis, umfundi makangayi esikolweni ngoko nangoko aze abuyele esikolweni kuphela xa kukho imvume kagqirha womfundi kwakuba nje kuqaliswe ngonyango. Uhlobo lwale ntsholongwane ye-meningitis (*meningococcal meningitis*) sisifo emasixelwe yaye ke ngoko, amaSebe ezeMpilo engingqi nawephondo makaziswe ngaso ngoko nangoko.

   - Xa kuyimeko yerhashalala (*chicken pox (varicella virus)*), abafundi mabangezi esikolweni lo gama kusaqhutywa unyango, baze babuyele esikolweni ngemvume kagqirha.

   - Xa kuyimeko yokuhlaselwa ziintwala zentloko, abafundi mabangezi esikolweni kude kuqaliswe unyango ngeshampu yohlobo olulodwa efumaneka ekhemesti. Emva koko, bangabuyela esikolweni, nokuba ngaba oonomoyi basekhona. Unyango ngeeshampu eziqhelekileyo aluyi kubanceda. Ukuba liqela labafundi elineentwala, kucetyiswa ukuba isikolo sazise bonke abazali babantwana abasesikolweni baze bacetyiswe ukuba babatshekishe qho abantwana ukuba abanaziintwala na. (Umzekelo weleta efanele oku uqhotyoshelwe apha).

   - Xa kuyimeko yemasisi abafundi mabangezi esikolweni iintsuku ezisi-7 ezilandela ukuvela kwamaqhakuvana abomvu athe tshitshilili emzimbeni wonke.

   - Xa kuyimeko yokhwekhwe, abafundi mabangezi esikolweni de kube ziiyure ezingama-24 emva kokuqalisa konyango. Awukwazi ukuzibona ngokwakho ukuba unokhwekhwe, ungenakho nokuzinyanga ngokwakho, ngako oko ke xa isikolo sirhanela ukuba kukho isifo sokhwekhwe, abafundi mabathunyelwe kwiklinikhi ekufutshane, kugqirha okanye kumongikazi okufutshane.

   - Xa kuyimeko kaqwilikana umfundi makangezi esikolweni iintsuku ezisi-7 ukuya kwezisi-9 emva kokuvela kokudumba kwamadlala amathe, kwaye makabuyele

esikolweni ngeleta kagqirha emvumelayo.

3. Kucetyiswa zonke izikolo ukuba zikhuthaze abo benze izicelo zokwamkelwa kwabantwana babo ezikolweni, ukuba babagonye abantwana babo ngokupheleleyo phambi kokuba baqalise isikolo ukunciphisa ingozi yokusuleleka zizifo ezisulelayo ezifana nemasisi, irhashalala noqwilikana. Ayizizo zonke iiklinikhi zikawonke-wonke ezibonelela ngale nkonzo, kodwa uninzi lweekhemesti kwakunye neeklinikhi zabucala zifanele ukuba zibe nazo ezi zinto zokugonya. Ukongeza, kucetyiswa ukuba amakhadi eenkulisa (*pre-school cards*) okanye amakhadi e-Road to Health makabe nokufumaneka, nokuba izikolo mazizidibanise zonke ezi zinto njengeerekhodi zomfundi.

4. Nceda wazise okukule ngcaciso emfutshane kunye nokukwesi sikhokelo siqhotyoshelwe bonke ootitshala kunye nebhunga lolawulo lesikolo ukuze bonke bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-R.B. SWARTZ
**INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 2006:02:13

---

Grand Central Towers, Lower Parliament Street, Private Bag X9114, Cape Town 8000
Nceda ubhale iimombolo zesalathisa kuyo yonke imbalelwano
Safe Schools: 0800 45 46 47
CLIENT CALL CENTRE: 0861 92 33 22

La maxwebhu alandelayo abhekisele kule setyhula.
Sebenzisa i-*Adobe Acrobat Reader*® ukuwafunda okanye ukuwaprinta.
Klikha kwisihloko esingezantsi: uxwebu luya kuvula i-*Acrobat Reader*® apho unokugcina okanye uprinte ikopi.
Ukubuyela kule setyhula, klikha kwi logo ye-*WCED Online* ephezulu kwesi sikrini.
Guidelines (ubukhulu: 59 KB)

nyuka

Close this circular | Maak omsendbrief toe | Buyela emva